University of Fort Hare

*Together in Excellence*

**MIX 321**

**IIMVIWO: OCTOBER 2024**

**Ixesha:** Iyure ezintathu

**Imodyuli:** IsiXhosa Language, Literacy, and Communication Methodology

**Amanqaku [50]**

| Eli phepha linamaphepha amathathu kuphela |
|---|

**Abavavanyi bangaphakathi**

**Dr S Matshikiza**

**Mr M Mdliva**

**Qaphela oku:**

- **Phendula yonke imibuzo**
- **Bhala ulwimi oluchanekileyo**
- **Qwalasela imibuzo**

**Imibuzo**

**Funda esi sicatshulwa wandule uphendule imibuzo elandelayo:**

**NJENGELE YOMKHONTO WESIZWE M.G. Mdliva**

Mzantsi Afrika sowuvile ke,

Injengele yomkhonto idlule,

Idlul'ifunqulwe ngamafu ithule.

Yeha! AsingoHani na lo?

Asisosangxa somkhonto wesizwe na esi?

Sithule nje konakele phi?

Asiyonjengele na yebutho likaLuthuli?

Ziqubudile nj'iintaba kutheni na?

Mzi kankongolo sowuvile ke,

MaTshonyane nani beSuthu senivile ke,

Azaml'amazulu zagxwal'iinkwenkwezi.

Azaml'amazulu ayamkel'injengele yeenjengele,

Athokombis'awakuGompo sesi sithwakumbe,

Athi ke mna! Kwamnyama wanyamezel'iincwin'umhlaba.

Lacimel' ilanga larhona lirhoxoza

Yalithathel' inyang' inyang' isizwe.

Rholihlahla rhol'amachiza okusinyanga,

Akusiboni na ukuba siyagcuma?

Idlul'injengele yeenjengel'ithule,

Umbikele na uCastro?

Ingaba sevile na uKaunda?

Uyibikele na iAfrika?

**[ISINGQI SENKULUNGWANE P. M. Qangule M.G. Mdliva]**

## Umbuzo wokuqala

1.Njengomhlohli wolwimi lweNkobe isiXhosa, chaza ukuba loluphi **udidi** lwetekisi olu lungentla ulinikiweyo **(2)**

2.Tyatyadula unika iimpawu zolu didi lwetekisi lungasentle **(8)**

## Umbuzo wesibini

1.Cacisa indlela othe wayisebenzisa ekufundiseni **esi sifundo** wandule unike nezizathu zokusebenzisa le **ndlela** yokufundisa uyikhethileyo, yokungena ulwimi **(10)**

2.Nika iindidi zezifundo zentetho mlomo zibentathu

(6)

## Umbuzo wesithathu

1.Ceba umsebenzi wabafundi bebanga lethoba osekelwe kule tekisi ingentla unike neempendulo zawo umsebenzi lowo uwucebileyo **(12)**

2. Khankaya iindidi ozaziyo zetekisi zibe ntathu ngaphandle kwale sele ibhalwe ngentla

**(6)**

3. Dandalazisa ukubaluleka kokusebenzisa ithiyori xa ufundisa ulwimi egumbini **(6)**